QUEENSTOWN ADVERTISEMENTS.

# PEACOCK BROS. NO WEIR, E-KOMANI

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, Lertyis, Umbona, Amazimba, bablele benawo.

A Wonderful Medicine.

# BEECHAMS PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL, GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a

Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;

they act like magic.—a few doses will work wonders upon the Vital Organs; Strengthening the muscular System; restoring the long-lost Complexion; bringing bark the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD or HEALTH the WHOLE PHYSICAL, ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climates they are specially renowned. These are " facts " admitted by thousands, in all classes of society and one of the best guarantees to the Nervous and Dabilitatad is that *Beecham's Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

# Kutengiswa Tshipu:

# *ONGXAWU*

## *ABA 2,000,*

Kuqalela kwabancinane (1 gallon),

Kuse Kwabakulu (50 gallons).

Inkoliso inendawandawana, ngoko zitengiswa NGEHALAFU YEXABISO LAZO, (zitshipu).

*YIZA KUBONA.*

## W, O. CARTER &. CO.

Kingwilliamstown.

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo, 1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe 9d. ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka

COOK Umciza we Cosine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

## G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake i

## ISAZISO.

KUCHOLWE i watch emmangweni entla ko Mnqayi (kwa Bhuluneli), i second hand yayo yapukile, isitshixo sikwa kuyo. Ke umniniyo uya kubhatala isaziso.

3tl83 J. B. YEKELE.

## IYEZA LAMAHASHE.

-U-

CHAS. M. BONIFACE

SMITH STREET,

KINGWILLIAMSTOWN.

Uneyeza ekungenzekiyo ukuba lingalipilis Ihashe eline Mibungu Nezilo. Unokutumela ngebhotile kotumele imali ngepepa le Posi, nengxelo yohlobo lokusetyenziswa.

Amafama awaka amtumela umbulelo ngeliyeza ngo Messrs. T. P. Phillips, R W. Currin, T. Christensen, A. Dudgeon, A. Christensen, E Walsh, T. P. Edwards, namanye. QONDA.—Eliyeza lizibhotile ezi 2, imigqaliselo icazwe kumapepa ancanyatiselwe ngapandle. Ixabiso zi 6/-, nge Posi 8/.

OLUKA

## Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka MARCH.

## IXESHA LOKWINDLA.

KWISITIYA SEMIFUNO —

HLWAYELA Itswele, Imbotyi Ezibanzi, Turnip, Cauliflower, Amakapetshu, Brussels Sprouts, Leek, Broccoli, Pars, nip, Spinach, Lettuce, Beet, Imigushe, njalo-njalo.

KWISITIYA SENTYANTYAMBO

TYALA Bulbs of Snowdrops, Daffodils, Hyacinths, Sparaxis, Freesias, Narcissus, Babianas, Lachenalias, Anemones, Ixias, Ranunculus, njalo njalo.

HLWAYELA Pansy, Auricula, Carnation, Indian and Chinese Pinks, Larkspur, Stock, Daisy, Polyanthus, Verbena, Primrose, Snapdragon, Candy, tuft, Freesia, Gladiolus, Sparaxis, Ixia, Hypoxis, njalo-njalo.

E FAMA —

HLWAYELA I Turnips zase Swede nezinye, Cocksfoot, Rye, Brome, nezinye intlobo zencha. Itswele, Ikapetshu, Clover, Rape, Kohl Rabi, njalo njalo.

## W. & C. COWIE,

GRAHAM'S TOWN.

ELIKA

# ORSMOND

# IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelilizwe.

## UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent'eninzi yezilwelwe zama Ukazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziawa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhula nesi Xhosa,

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele, namava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo, Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku ezilishumi. Ibhotile nganye ihamba nencwadi ene nteto yesi Xhosa,

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

Linoku zuzna kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

EKA GRAY

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

## LINSEED NE HOREHOUND,

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLO INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

2/. LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

## IMIBIKO

FUNANI.—Kubhubhe ngo 10 February, (e Xora, Elliotdale), 1891, u ROSETTE, Intombi etandekileyo ka Rev. Richard no Martha Funani, ebudala izinyanga 11, nentsuku 11. Emva kwe cawe ezimbini kubhubhe u MARTIN.HAYES, Unyana wabo otandekileyo, obudala buyiminyaka emitatu, nenyanga enyo (3 years 1 month) ngokuzana kwabo. Izihlobo mazamkele lowo mpanga.

Umfundisi lowo unika imibulelo kwiramente yake ngokumtwala nokumvela kobubunzima.

3t263

MDOLOMBA.—Kubhubhe e Tamara ngo February 6, 1891, u HANNAH MDOLOMBA Inkosikazi ka Paulus B. Mdolomba. Emveni kokuba exelile ukuba wonko umsebenzi ange wenzile emhlabeni uwufezile, abantwana bake ubafundisile, akuseko nto angaba sahlalela yona apa ; wemka eyaleze imibuliso kwizihlobo zako nabantwana bake.

3t263

## BONISANI !

MAWETU ndilahlekelwe ngamahashe am mabini, yimazi egwangqakazi emayelana neminyaka esibhozo ubudala mhlaimbi ngapezulu; litokazi olibomvu lintsundu ngezito zozine, lite enpe ngobuhlope elinye inqina langemva ezantsi, linekolwana ebunzi, indlebe zinde, liminyaka mitatu. Olandisayo wovuzwa ngokuncomekayo, atumele ku

P. ROZANI,
Edutywa.

Ngoingwane, 5 March 1891.

## Ikaya Labantsuudu.

(Ebelilelika Mr. Paul Xiniwe.)

MAKOWETU ! Nangu umzi wenu, asingowabelungu. ABAHAMBI baya kukangelelwa ngawo onke amatuba ngenyameko. Amahashe sesona sitali sihabile intle, itshipu. Kwimpi Esebenzayo : Ukutya okuncamisa umxhelo, okomelezayo ngemali encinane. Ukutya, ukupumla, ukonwaba. Imali yake yena uya kuyichita kwase kaya, ekubeni ama Jamani eyichita kumakowabo. Angatengela atengisele nabanina, mutoniua emsitweni ongowona mkulu weli lase Maxhoseni. Ikuba litengwa ngokubonwa !

W. D. SOGA, Umninimzi.

E Market Square, e Qonce.

## Abahlobo Babantsundu,

*BESIWA BEVUKA NABANTSUNDU*

1. KUQALA :-

## O HADNOTT & Co, (Magqadaza),

EYONA VENKILE INDALA E KOMANI YA BANTSUNDU, babenzela amalungelo anelisayo ngelixesha lobunzima, bonke abanezikweliti kubo ukuza ku June, 1890, ngokuti bavume ukutabata nokuba li 10s. endaweni yeponti, bangabizi nzala, kuzo zonke izikweliti zabamnyama ezihlaulwe ngapambi ko December ozayo, baze bamnike umntu ilasiti ene-stamp ngokufezekileyo.

2. KANJAQO :-

0 HADNOTT and CO. (Magqadaza) batengisa koze nemali, ngamaxabiso ahliswe nangokugqite abekuko, wayo otenge kubo ngemali esaneliswa kangangokuba enze impinda yokuya kutenga kubo futifuti; ngalendlela zindimbane ezitenga kubo betsalwa luhlobo abatengisa ngalo ezitorem zabo apo abantsundu bafumana okwanelisayo ngempali yabo.

Apo nine Ledi, u Notyebisa, ukunitengela estoreni, no " Mvo ' niyileselwe ngapandle kwexabiso.

## HADNOTT & Co. (Magqadaza).


*ISITORA SOMZI ONTSUNDU,*

QUEENSTOWN.

ISEBENZA NGOBUGQI

## I-RHEUMATICURO !

IYEZA ELIKULU LASE




Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

## *IZAZISO KWA BANTSUNDU.*

ZEKOMKULU LASE KAPA.

*ZISHICILELWA NGE GUNYA.*

NGOLWESI-NE, MARCH 19, 1891.

# ISISHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Owe Ntshinga ye Knight Grand Cross, yodidi olubaluleke kunene lo St. Michael no St. George, Owamatshawo adume kunene e Bath, u Ruluneli uo Mpati Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope, e South Africa, namazwana nezibhaxa zayo, ne Sandla so Mntan' Omhle, njalo-njalo.

EKUBENI ngo Mteto wo 4 womnyaka we 1890, ekutiwa ngu Mteto wo Bhalo, Nokubutwa kwe ngxelo ngonyaka we 1891," kumiselwe ukuba kwenziwe ingxelo, ngendlela emiselwe apo, yamanani abantu, nentlobo-ntlobo zempahla eshukumayo, kwanokuhlanganiswa kwamanani ezilimo, emfundo, emisebenzi yezandla, nezinye izinto kwi Koloni yase Kapa, kuqukwa na Mazwe ahlonyelwe kwakulo Koloni, ngomhla otile kwinyanga engu APRIL, 1891, ongamiswa yi Ruluneli. Kekaloku ke mna, Ruluneli, ndiyashumayela, ndiyazisa, kanjalo ndityila okokuba ndimise, ndimisa nangokoku, ukuba i cawa umhla wesihlanu ku APRIL, 1891, ngumhla oluyakwenziwa ngalo olo Bhalo.

Ndibayalela bonke abantu bo Mntan' omhle, abakule Koloni kwanezi Bhaxa zayo ukuba babe ngabancedisi ku Mpati wo Bhalo, kuba Kangeli, kuba Bhali kwanamanye amagosa apatiswe u Bhalo olo.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Sinikwe ngesandla sam nesincamatiselo se Koloni ye Cape of Good Hope, ngomhla we 13th January, 1891.

HENRY LOCH, Iruluneli.

Ngomyalelo we Mhlekazi e Bhungeni.

J. W. SAUER, Umpati-Koloni.

No. 25, 1891.

## ISAZISO SIKA RULUMENTE.—NO. 48, 1891.

*Kwi Office yo Mpati.Koloni, e Kapa, 13th January,* 1891.

Ngamandla namagunya awatweswe ngo Siqenda sesixenxe so Mteto wo Bhalo, 1890 Umhlekazi i Ruluneli, ngecobo le Bhunga Elipeteyo, walatisa ukuba kuzo sonke izixeko idolopu, nemizana e Koloni apo kuko Amagqugula, apeteyo, umkangeli wo Bhalo uya kuvelela indawo yokuba kushiywe amapepa o Bhalo, kwanezalatiso ezingemva kwalomapepa ngosuku olungapambili kolwe 5th April, 1891 kuzo zonke izindlu ezikulondawo awobona zifanele.

Abakangeli bo Bhalo baya gunyaziswa ukuba njengokubona kwabo benze ukuba amapepa o Bhalo olu ashiywe nokuba kukuzipina izindlu pakati kweziqingata Zobhalo olo.

Xa ke amapepa lawo ate ashiywa endlwini, kuyimfanelo yomninindlu, okanyo umgcini wayo, ukulibhala okanye enze ukuba libhalwe ngokuzeleyo, ngokuyinene, nangokulungileyo ngangoko azi ngako, okunyo axelelwayo, okunyo akoliweyo, lomapepa abo eshiywe kulondlu, abhale igama lake, azo awatumele, mhlaumbi awanikelo ekubizweni kwawo, egqityiwo ngendlela-ndlelana zonke, ku Mbhali owabizayo.

Umbhali wofika ngo Mvulo, 6th April, 1891, mhlaumbi kwakamsinya emva koko, awabize amapepa abeshiywo ezindlwini, awoti ekuwamkeleni kwake awaqwalasole, azanelise ukuba abhalwe ngendlela na, awoti ukuba ufumana ukuba akenjiwanganjalo awazalise ngengxelo anokuyifumana.

Apo sukuba umbhali engawashiyanga amapepa o Balo, umbali wowabhala ngokwake, ileyo indlu eyibbala kwipepa layo elilodwa.

Ngendlu kutetwa isakiwo, umuquba, inqwelo, inqwelana yamahashe, nayipina indawo apo kulala umntu, nasipina isikepe, nenqanawa engaba semazibukweni e Koloni yase Kapa.

Yimfanelo yomnini-ndlu nomntu oyipeteyo ukupendula kamsinyane, ngokuzeleyo, nangokulungeleloneyo yonke imibuzo engabuzwa ngumbali.

AM A T Y AL A.

Umnini-ndlu, nomntu ongaba uselo nayo oko wamangala, okanye ote akakatalela ukuzalisa, umhlaumbi ukuboka igama lake, umhlaumbi ukunikela amapepa o Bhalo kumbali; nongati okanye usuke amangale, umhlaumbi angakataleli kapendula, okunye asuke axoke ekupenduleni, okunye axele ubuxoki okanye enze ukuba kuxelwe ubuxoki, nongatintela nalipina igosa lo Bhalo ekwenzeni umsebenzi walo, angadliwa iponti zontlanu zemali, angati engenazo abo nokufakwa entolongweni esebenza umhlaumbi engasebenzi nzima ixesha elingengapezulu kwenyanga, de abe uhlaulelwe kwakamsinyane.

Kweso sohlwayo akaqukwa umntu oyakuti ngenxa yento azoyikelayo asuko ashiye umhlaumbi amangale ukuxela unqulo Iwake, angati ukotyobisa ezo zoyikelo zake selebbala kumqolo olungiselelwe oko welizwi eliti " Object." Kananjalo eso sohlwayo asiyi kubekwa kumntu ongati ngenani lemfuyo yake engalazi ngokute nqo, asuke enze umlinganiselo nje omalunga nenyaniso.

Nalipina igosa lo Bhalo elingafika libhengeze into zo Bhalo olo liya kudliwa iponti ezintlanu (£5), liti lingenazo lifakwe entolongweni ixesha elingapezu kwenyanga.

J. W. SAUER, Umpati-Koloni.

## ISAZISO SIKA RULUMENTE.-NO. 49, 1891.

Kwi *Ofisi yo Mpatiswa-Koloni,* e *Kapa, 13th January,* 1891.

U BHALO, 1891.

NGAMANDLA namagunya endiwatweswe ngezimiselo ze Siqendu sesi 6 so Mteto wo Bhalo, 1890, Umhlekazi i Ruluneli ngecebo le Bhunga Elipeteyo, uyalatisa ukuba Zonke incwadi nemiqulu, nezigitshimi ngocingo ezingalo Mtoto, zitunyelwe nge Posi nange ngcingo kule Koloni yase Kapa, kuqukwa nezi Bhaxa zayo, ezivela neziya ku Mpati we Koloni, kwanakuye nawupina Umkangeli lu Bhalo no M'bali, ukuba zinopawu ngapandle oluti u "Bhalo" (Census), zotunyelwa ze do kube lusuku lwama 31 ku December, 1891.

J. W SAUER, Umpati.Koloni.

## IMPAHLA EFUNYENWE IBADULA.

KWISITILI sase Ngqamakwe, iya kutengiswa ngosuku lo 1 April, 1891, pambi kwe nkundla yamatyala e Gcuwa ukuba abaniniyo abayikupanga ngemali.

ENGAMAHASHE.

Inkabi efosi eminyaka mihlanu, ipaulwe yenziwa inkonjane kweyokunene indlebe. Inkabi emtuqwa enekolo, amanqina angasemva amhlope omabini, inamabala okupola kwesilonda emhlana. Imazi egwangqakazi enekolo, inqina lase kunene kwawasemva limhlope, inenkonyana eliduna elibomvu. Imazi engwevukazi eyenziwe inkonjane kwindlebo zombini. Imazi elubhelukazi, ayinampawu. Imazi emfusakazi inekolwana encinane. Inkabi emtuqwa bumpemvu, emanqina amhlope amatatu. Imazi efosikazi ebumpemvu, iselindala Imazi engwevu bumfusakazi. inqina lasemva lase kunene limhlope, inomtshiso kwinyonga yase kunene ongu C. Inkabi ebomvu enekolo, enqina limhlope langasemva ekunene, inamabala emhlana okupola kwesilonda. Imazi emtuqwakazi enqina limhlope lase kunene lasemva. Inkumzana egwangqa enyanga ne ubudala. Imazi engwevukazi, inamabalana amhlope kwinyonga zombini. Imazi egwangqakazi etiwe cupe kwindlebe yokunene, inekolo, inqina lasemva ekunene limhlopo, inenkonyana.

EMFUTSHANE.

Igusha ezimbini, imazi enetakane ; kwanebokwe ezintatu.

J. T. O'CONNOR,
Umantyi wase Ngqamakwe.
Kwinkundla Yamatyala,
E Ngqamakwe, 6 March, 1891.

Impahla esesikiti kwa Gatyana, eya kutengiswa e Gcuwa ngomhla we 1 April, 1891, ukuba ayibhatalwanga ngabaniniyo.

Inkunzi ebomvu yehashe eminyaka mine, ayinampawu. Imazi efosikazi enekolo etiwe qumpe kwindlebe yase kohlo eminyaka mihlanu ubudala. Imazi ebomvukazi endlebe zimnyama, inebala elimhlope kwelinye icala, imiuyaka mitandatu ubudala bayo, Inkonyanakazi emfusakazi-mtuqwa, inekolwana, iminyaka mibini ubudala. Ibakwekazi engwevu kwanemhlopekazi.

W. THOS. HARGREAVES,
Ibamba le Mantyi.
Kwinkundla Yamatyala,
kwa Gatyana (Willowvale),
17th February, 1891.

Impahla efunyenwe ibadula kumandla wase Dutywa eya kutengiswa e Gcuwa emine emaqanda, ngolwesi Tatu evekini, ngomhla wokuqala ka April, 1891, ukuba ay ikululwanga.

Inkabi yehashe egwangqa emanqina amhlope kakulu, iselinexesha ubudala. Imazi ebomvukazi yehashe endlebe zimnyama. Imazi egwangqakazi enekolo encinane, inamabalana amhlope ezingxaloni. Imazi ebomvukazi etiwe gqipu endlebeni yokohlo. Nenkonyana emtuqwakazi, nenkonyanakazi emfusakazi eminyaka mitatu ubudala. Nenkonyanakazi ebuntloyiya, iminyaka mibini. Inkonyanakazi ebomvu, enamacapaza amhlope emzimbeni, inekolo kwelangasemva inqiua lase kunene limhlope, kwanangapambili. Itokazi elifosi, linebala elimhlope enyongeni yokunene, linoboya obumhlope ebunzi. Kwanegushakazi ezimbini, ezinekwenge.

CHARLES G. H. BELL,
Umantyi wase Dutywa.
Kwinkundla Yamatyala, yase Dutywa, 2 March,

## ISAZISO MHLLABA—No. 14, 1891.

KUYAKUTENGISWA pambi kwe nkuyamatyala yase Komani, ngo 9 a.m. 5 May, 1891, Ngezimiselo ze Siqendu II, so Mteto No, 15, 1887, umhlaba okwisiqingatana (Felkornet) se Zwaartkei, Lot 7,152, ekutiwa yi Klein Bull Hoek, olunge e Kamastone. I morgen 1,350, 517 square roods, 72 square feet, i upset £1,200 ; indleko zo nocanda £17 19s.; i taitile 12/3.

L. MARQUARD, Umpatiswa-Kucanda.

## EDWARD T. JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R. W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETELI-MATYALA,

*Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli-Magama Etaitile.*

E KOKSTAD
EAST GRIQUALAND.

## AMAYEZA

ADUME KUNENE,

KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kauleza uku nceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo ; ngenxa yokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).
Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).
Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).
Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI OBARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekile.yo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).
Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omti okupilisa ukutsha, ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).
Iyeza elilunge kunene kwizifo sokuba butataka, nokungatandi nto ityiwayo

UBUGQI Magic Healer).
Amafuta akupilisa, msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emolientine).
Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebuhle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).
Lisetyenzisiwa neli kutiwa "Lelona'' xa isifo lokuhamba igazi sendele

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezitotilana ngazinye, eziti zakulandelwa ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yodolopu zalo Koloni yonke, e Natal, e Free State, o Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAVBZA—
*E Qonce*— Dyer & Dyer,. Malcomess & Co., D Drummond & Co.
*E Ngqamakwe*—Mrs. Savage.
*E Monti—B.* G. Lennon & Co.
*E Rini—E.* Wells.
*E Dikeni*—H. Stock.
*E* komani—Mager & Marsh.
*E Bhayi—B.* G. Lennon & Co.
*Engqusha*—W. A. Young, E q.
Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

## ISAZISO.

U MR. R. W. ROSE-INNES, Umteteli-Ematyaleni, njalo njalo, usawuquba umsebenzi wake kwanjengokwangapambili. Ngumninawa wake, u Mr. C. Rose-Innes, ongu Mteteli enkundleni yase Monti, E Ofisini yake e Qonce nanamhla usakunyamekele ukukangelela Imicimbi yaba Ntsundu ngononelelo lonke.

—O—

WOODROW &

BAFUNA ukwazisa izihlobo zabo Ezintsundu ukuba baqale ibhizinisi yokutetela Ifandesi (Auctioneers), njalo-njalo, kwivenkile endala ka WHITLLE, baye beya kuvuyiswa kukufumana impahla yentlobo zonke, eya kutengiswa kwakamsinyane ngalo mini ye fandesi.

U KUTETELA Amatyala, Imicimbi Yemihlaba, Ukubhala Iminqopiso lwenziwa ngo

HOWARD & WEBB,

Emva kwe Zitola zo BAKER, BAKER & CO.

E-QONCE

Printed for the Proprietor, J. TENGO-JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.

## CALA.

AMATYALA.

U Gxebe no Madeke ngobusela begusha ezi 59 ngokuvuma a 26, banikwe iminyaka emitatu. U Matebe ngokudlwengula umfazi unikwa iminyaka emitandatu. U Goniwe ngobusela bamahashe amatatu, unikwe imiuyaka e 2 nenyanga ezi 6. U Ellsie ngokubulala nokufihla umntwana wake omhlope amzeleyo, walunyanwa enetyala lokufihla, unikwe iminyaka e 3 esebenza nzima. Ekugqibeni i Jaji yenze ashushu ukubulela i Jury—yati ndibulela ukubona kwe jury ingabantu bentlanga ngentlanga, endikolwayo ukuba nakwezinye indawo kobehle kwenzeke okuyazi Mhleli ukuba tina kaloku (Gala) simangalelwe yi Farmer's Association, njengoko ubonileyo izinto eziyakuxoxwa kwi Congress eyakuba se Queenstown. Nantsi into abasekeleke pezu kwayo, mhla nge 21 February bati e Koloni akuko bantu bamnyama, ke nati asifuni kuhlala nabo — ndingaziteti incuku, basibulala ngesizatu se Koloni, ke nati oku sikubhenele.

NGEKUMSHA.

Ukuza okubini kwe Jaji umfo ka Elefu uyasala. kuti apa e Cala kukumsho umfo ka Debese; ke Mhleli ngapandle kokumonela umfo ka Debese (Davis) amatyala afanele ukusimisela ikumsha elifana nomfo ka Elefu; site sabe sikalaza nge Jaji engapambili, kwati kona namhla kwa kodwa; unokuti kumatyala okubulala kumhlope ukuba umbanjwa umbulele umntu—kodwa ngenxa yokutolika okubi abonakale engenatyala. Ndiyakolwa ukuba umantyi u Mr. Levey uyakusifunela ikumsha elona lililo, Yazi Mhleli siteta ngelungelo labantu, ezindawo ndenze amanqaku ngazo wozikangela.

## IBANDLA LE WESILE

Zipumile izaziso zentlanganiso enkulu yonyaka yeli Bandla—i Konferens—eya kuba se Pietermaritzburg (Emgungundlovu), Natal, nonyaka. Eya Bafundisi bodwa iqala ngolwesi-Tatu, April 15; aze adibane na Bafundisi Amagosa ngolwesi Ne, ngo 23 kwakulo nyanga. Amalungu ale Konierens ngawo la :—

Rev. P. Hargreaves, *Umongameli;* Rev. James Scott i *Secretary;* Rev. S. Evans Rowe, *Umongameli Opumayo;* Rev. James Thompson, M.A., *Assistant Secretary;* Rev. James Fish, do.

ABATUNYWA BESI QINGATA SASE KAPA Revs. R. Kidgill, H. Tindall, J. P. Back ; Messrs. J. Mossop, S. Tonkin.

ABATUNYWA BESASE RINI:—Revs. Theo Chubb, B.A., AV. B. Rayner, E. J. Barrett, G. Kakaza; Messrs. J. S. B. Holden, J. Slater, B.A., P. Nkosinkulu.

ABATUNYWA BESASE KOMANI :—Revs. R. Lamplough, T. Roper, W. S. Caldecott, J. M. Dwane; Hon. J. M. Peacock, M.L.C., no Messrs. J. McIntyre, J. Tengo-Jabavu.

ABATUNYWA BESASE CLARK EBURY Revs. AV. S. Davis, C. S. Lucas, Charles Pam la ; Messrs. G. F. Owen, II. Rock, Thomas Gongxeka,

ABATUNYWA BESASE KIMBERLEY :— Revs. Philip Tearle, C. S. Franklin, Moses September ; Messrs. H. A. Oliver, J , G rant, John Kosani.

ABATUNYWA BESASE NATAL:—Revs. Ezra Nuttall, G. A. Theobald, J. Allsopp, S. B. Cawood, P. G. Mtembi., H Matebula ; Hon. J. L. Hullett, M.E.C., Messis. A. A. Smith, C. Shaw, J. F. Nicolson, Stephen Mini, Christian Lutayi.

AMAGOSA APETE INGXOWA Messrs. Henry Wood, T, E. Duckies, T. W. Garland, Charles Lewis, D. Stephen.

Ababafundisi abaya kwamkelelwa ebufundisini obuzeleyo ngokubekwa izandla: Revs. A. J. Clarke, Isaac Dugmore, James Pendlebury, Wm. G. Mtembu, no Richard Xala.

## Imvo Zabantu.

NGOMANYANO LAVE PESHA KWE NCIBA.

MNUMZETU,—Hlela lempendulo ndinendula Um-Koloni oti lwaya pina Umanyano lwa Bantsundu pesheya kwe Nciba. Luseko, soloko lomzi utanda ukuhlanganisana ngezambuku kungenga zimvutuluka. Ayikafi intlanganiso, ayingefe oko seyisayo imfazo zayo. Into ka Njikelana, neka Malgas, neka Mgqibisa, ne Nkosi Umhluzi, bayixatisele. Umzalwana into ka Mashiyi, amaroti; ndingasateti nto ngabanini ndaba into zakwa Dlamini ka—Ndlovu zidla ekaya—lixapetshu. Into endiyibonayo apa kusetyenzwa imisebenzi eya pambili. Pakati ko April no May, 1891, yobako intlanganiso enobomi, eya kuteta ngezibongozo kwinto esiti masifaniswe nani Koloni, kuba yoba imilambo ihlile. Kodwa ako wona amanene afane amkela ilungelo lobuvoti, noko akazinto ngobuvoti bawo ; ungade nawe mfondini wase Koloni uti zidenge la Mamfengu. Ewe siyaqala ukungena, siti ngenye indlela sibe lowo kuhlanganiselwana kuye seleza kuba yinkosi yetu.

Ndikupendule J. B. S., kuhle ngapandle kwama kwelekwele. Kade ke lenteto yobonwa nje epepeni nantso eyam impendulo. Ndiyazisa kanjalo mzi ukuba mhla ngaleyo ntlanga niso maze sixabashe sizipate njengabaniniyo, kade mlilaimbi yotabata umhla nesiquma. Andinobhala wentlanganiso ndipendula umkuluwa, ngu Nobhala oya kwazisa ngemini eyakuba ngayo.

JOHN F. MAZAMISA.

Ehlobo, 5 March, 1891,

UNTSUNDU NAMASIKO.

Indawo Mhleli ngalamasiko madala akowetu njengala—ukulobola, ukwaluka, imigidi, isiposo anisibonina? Uti umfana ndoti ukuze ndiye e Simnareni, eramenteni nasebufundisini ndibe yindoda. Aye esimnareni nasebufundisini bamamkele babone nabanye abangekangeni kulamasiko. Yati impungutye emnqini anikuvanga ukuyola, nokupumla endikufumanayo ngo'kungabi namsila. Kusolokokuba kwakuko indoda eyati, ndiyakolwa mhlobo ukuba bekuseko itutyana lokufumana umsila wako ngewungatsho. Maxa nditslioyo, manene, nditi, umntu walamasiko nqwa " nempungutye emnqini" nokuba selongumfundisi, engumsimnari nokuba ngumramente. Akuseko ndoda na kwabapilileyo engatinta lo mnqini ?

Ngolobolo ndinezizatu endingazimisayo zokuba umfazi olotyolweyo usichenge pantsi kwalomteto—emzini wake uyinkomo njengezise buhlanti, uketo, nongeno, nokuba utshatile umele kutoba pantsi kwalomteto, amandla omtshato oyisiwe zinkomo; andikolwa ukuba kuko ongandishenxisayo kulenyeniso. Utsho sibulawa ngabafundisi ngakumbi ngokwamkela ihlokondiba apa lika Kilner.

Abembalwa ku Mr. Pelem. Yinina le, ulinene, xhasa ipepa lakowenu, uhlale. U Dayimani lo lutshaba, nenyoka yohlanga lwako; akubonina, eti nje endaweni yokuncipisa intshaba ze Mvo azandise. Ngokuxhasa IMVO ungalindeli mtulelo mntwini kodwa umtandi wohlanga lwake.

MTALATALANA.

Cala Reserve.
7 March 1891.

ISILILO ! ISILILO !

Yo, Yo! Az' ukuba senzenina betu ; nanamhla iyawa sesezolo, siyawa hlutwe umhlaba Engqushwa e Rura, i Gqora litatiwe lonke lakuma nge Nxuba. Yindawo ke leyo ili Gqora izifama ezintalu lisikwa kumhlaba wankosinye engu Tyefu Msutu, ekunene. Ke lomhlaba wawupiwe u Joseph Mpahla ngu Mntan' Omhle, ngu Mr. Kwendile, wati umda li Gqora ngamanzi alo lide lokungena Enxuba, wabulela; wayalwa ukuba aze azitobe pantsi ko Rulumeni ngalo lonke ixesha ezitobile engapakamisanga ngalo ukulwa naye akasoze awutate, uyakuba ngowabantwana babantwana bake. Lo Mpahla ngomnye wezankosi zacandelwa kwase kuqaleni; wawugcina umyalelo unokungqinelwa nanguwupina umlungu omaziyo abadala nabatsha, omhlope no mnyama, i Bhulu ne Lawu. Ke namhla wahlutiwe lowomhlaba. Akayazi into ayenzileyo; uzame ngakokonke ukutoba, imbeko, ububele, inyameko, wahlutiwe noko; umtobele u Rulumente wahlutwa, ubatobele abafundisi abamhlope wahlutwa noko; urafile ngazo zonke irafu ezitunyelwe kuye, wahlutwa noko ; uvinjiwe imali ngenye imfazwe, kwatiwa ulwela umhlaba wake, waxola, utatiwe kwa lowomhlaba. Upumile esiya kulwela u Rulumeni, utatiwe, wancama ubom bake emini nasebusuku yonka imihla, enconywa ukuba akafuruneki (akakohlisi) ulwa ngenene epeleleyo, engqinelwa ngabo bonke abasemkosini, nditi wahlutiwe noko. Uzitobile pantsi kwebala elimhlope, nosityebi nolihlwompu, nongenanto, wati kubo bonke nkosi; kwangafika osityebi wati nkosi, kwangafika olihlwempu wati nkosi, kwabangafika umfundisi wati nkosi, kwabangafika inxila lingena ngubo yokulala ndatata ndangenisa endlwini, ndanika ukudla ngapandle kwemali, ndifuna ukuba ndingabi nasipako, nakudelwa ngu Rulumeni; uwutatile noko. Ndapuma ndaya emfazweni ngomnye unyaka andibhatalwanga, kwatiwa ndilwela owam umhlaba, ndayeka ; ndalwa ngokuncomekayo. Ndinamangqina kwa bamhlope ukuba andinasizatu. Ke kweyokugqibela ndilwile ndafeza, ndati ukubulelwa kwam ngu bawo u Rulumeni wandibiza, ndaya, ndifikile wati, mandizise imipu, ndateta, kwati emva kokubuza ndamnika andenza nto, ndaxola kuba ibizwa yinkosi yam. Nditi, uwutatile u Rulumeni noko. Useko uxego u Mpahla. Nantsi, ungabona into embi utwele izandla entloko, ungeva ilizwi lesikalo elibi lokuti: yo, yo ! ngandenze ntonina mlungu ukuze ndingabi pantsi kwalemeko endikuyo, ndiyigcinilo imiteto yako owandishiya nayo. Kawundixelele wena nkosi yam ; uyazi ukuba bendikatywa nayinkwenkwana yomntu omhlope, nditi ndiyeke nkosi ezizinto ndizenzile iminyaka emininzi kwada kwanamhla, andiyazi into endiyenzileyo embi kwinkosi yam. Ke enye into abamhlope bayazi ngokwabo ukuba bayaiika abangamahlwempu begxotwa nangamawabo abamhlope, ndifake endlwini balale ndinike ukudla ngapandle kwexabiso, ndibaboleke ingubo zokulala. Ndifuna ukuba ndingabi nabala libi kwinkosi yam ; kanti ndahlutiwe umhlaba wam noko. Ukuba bendisenza ku Tixo njengoko ndenjenjalo ku Rulumeni ebengayikuti ndakufeza umsebenzi abenditume ukuba ndiwenze andigxote, napakade. Namhla nkosi yam Rulumeni wenze ukuba izimvi zam zihle ngosizi engcwabeni. Yo! yo! Akwaba u Tixo Uyise, u '1 ixo Unyana, u Tixo Umoya Oyingcwele akayi kusilibala noko sinebala elimnyama. Utsho

UM-NGQUSHWA.

Fort Poddie, 18 February 1891.

NGOMDUDO NOMTSHATO.

MHLELI WE MVO ZABANTSUNDU,—Kaufake lamazwana kwelopepa lamanene. Kwaza kwalunga nto namhla, into ebekusoloko ndiyilole nqa mna. Ke ukutsho kwam ndibone kwi Mvo ze 8 January 1891, incwadi ebhalwe ngu Mr. C. J. Tshayangodiza, ebalisa ngenene elesuka kubo ngo September 1890, ukuba andiposisi lisiya kutshata, lafika latintelwa ukuba lingatshati, ngokuli kanti linomfazi. Ke into endibangela ukuba ndibhale ndiva ngati umzalwana u Mr. Tshayangodiza uyankuntuza ngalonto, ndingatsho nokuti uyaposisa ukunkuntuza. Ko mna olwara uluvo nditi, ude wahlaba ekangelo lomfundisi wenze lonto, ngati nguyena uzakusibeka emendweni olungileyo kanye kunalento ibisenziwa, yokuti umntu akuguquka alable umfazi wake abekade emkonza, afune intombi kanti naye wayemzeke eyintombi, aze namhla amlahle elubala akubon' ukuba sekqobokile akasafunwa bani ngapandle kwake. Ngenye indlela lento iyalonakalisa Ilizwi le Nkosi, ngokuba kaloku lo ulahliweyo yena uba ngumteto wo Lizwi kwakunye nabazali bake kwango kunjalo nabo. Kanti ngeyona ndlela ilungileyo kulungile ukuba umntu ati xana agqobokileyo atshate nomfazi wake abenaye kakade. Lento madoda ingumonakalo omkulu kakulu, uyakuti umfo angabinantloni ukulahla umfazi kunye nabantwana, abenze inkedama ezingenayise elixa akoyo, okanye abahlute kunina abenze inkedama ezingenanina elixa unina akoyo; lonto ko yalata ukungalungi kwelisiko kuqutywa ngalo; yiyo ke lonto mzalwana Mr. C. J. Tshayangodiza nditi ulungisile lomfundisi, lingati Ilizwi le Nkosi libe lityolo lamatshivela. Kaukangele kwakona mzalwana Tshayangodiza, uti umntu obenababafazi ababini nangapezu kwelonani abalahle bonke abakulu atshate nomncinane, kanti ko ubefanele ukuba atshate nomkulu; ezonto ko zonko mna ngobudenge bam ngati bezifanele ukuba zilungiswe ngoku, ngokuba ibizitinto zobudenge ezo. Wanga lomfundisi angamisa inyawo, ukuze asulelo onke amahlelo ukuba isiko elinjalo life. Mandiyeke ; uxolo Mhleli, nditate indawo ebanzi kakulu—Ndim,

MAZANTS'. EMILAMBO. Mount Coke, 22 Jan. 1891.

## IBANDLA LASE DIPENTE.

INTLANGANISO YE ELLIOTT CHURCH
(E TINARA) YONYAKA.

